Isalathiso: 20170526-1313
12/2/3
Imibuzo: W Mercuur

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*FET*: DCF 0017/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neeNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze-*IMG*, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo, kuBacebisi beZifundo, kwiiNtloko zamaziko anabafundi bamaBakala 10 ukuya ku-12, kwiiNtloko zeZifundo zeeLwimi nakootitshala beelwimi bamaBakala 10 ukuya ku-12

Isihloko: Iimpazamo kwiingqokelela yemibongo yeBakala 12 kwisi-Afrikansi uLwimi lweeNkobe nakwisi-Afrikansi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo

1. ISebe leMfundo esiSiseko likhuphe iSetyhula S3 ka-2017 emalunga neempazamo kwiingqokelela yemibongo yeBakala 12 kwisi-Afrikansi uLwimi lweeNkobe nakwisi-Afrikansi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo.

2. Ukulungiselela ukuqaliswa kwemibongo emiselwe ukufundwa ngo-2017, abacebisi bezifundo nootitshala baqaphele iimpazamo nezinto ezishiyiweyo *(errors and omissions)* kwingqokelela yemibongo yeBakala 12 yesi-Afrikansi uLwimi lweeNkobe, o.k.t ku-*Verse in my inboks* (*Vivlia Publishers*), nakwingqokelela yemibongo yeBakala 12 yesi-Afrikansi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo, o.k.t *Verskuns vir Eerste Addisionele Taal* (*Macmillan Publishers*).

3. Ezi mpazamo nezinto ezishiyiweyo zichazelwe abapapashi abathe baphinda bakhupha ezinye iilisti zeempazamo eya kuzo zonke izikolo ezazithenge ezi ngqokelela zemibongo.

4. Kucelwa ukuba bonke abacebisi bezifundo besi-Afrikansi nootitshala beBakala 12 besi-Afrikansi uLwimi lweeNkobe nabesi-Afrikansi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo eNtshona Koloni, baqaphele ezi listi zeempazamo ziqhotyoshelweyo: **I-*Appendix 1*** (*Verse in my inboks — Vivlia Publishers*) no-***Appendix 2*** (*Verskuns vir Eerste Addisionele Taal — MacMillan Publishers*).

5. Ezi zihlomelo ziyafumaneka ngokunjalo kwiziko lewebhu le-*Western Cape Education Department's Curriculum Development website* apha: http://www.wcedcurriculum.westerncape.gov.za. Yiya ku-"*FET: Further Education and Training*", uze uklikhe ku-"*Languages*" emva koko uklikhe ku-"*Afrikaans*". Klikha ku-"*Aflaailêers*" ngasekhohlo uze uklikhe ku-"*Onderwysbronne*".

6. Kucelwa iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2017-05-31